

Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek



Confidential



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2024

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha asi-8.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 - ICANDELO A: Imizuzu engama-75
 - ICANDELO B: Imizuzu engama-38
 - ICANDELO C: Imizuzu engama-37
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-75 kweli candelo.

UMBUZO 1

- | | | |
|-----|-------------------------------|------|
| 1.1 | Ndaphumelela kolo khuphiswano | [40] |
| 1.2 | Loo mini saphuma sabaleka | [40] |
| 1.3 | Imithi ibalulekile | [40] |
| 1.4 | Ukutya okunempilo | [40] |

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.5 OKANYE 1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.5



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.shutterstock.com]

[40]

1.6



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.pinterest.com]

[40]

1.7



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.pinterest.com]

[40]

1.8



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.pinterest.com/morastories.com]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A:

40

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-38 kweli candelo.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umama okanye utata wakho ileta ucele ukuya kuchitha iholide kaDisemba kwikhaya lomhlobo wakho.

[20]**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela umanejala wevenkile ileta ucele umsebenzi wethutyana (*part time job*) ngexesha leholide.

[20]**2.3 INGXELO**

Uyenye yeenkokeli zabafundi esikolweni sakho. Bhala ingxelo ngohambo lokuzonwabisa (*excursion*) ebeniluthathe ningabafundi bebanga le-12.

[20]**2.4 IRIVYU**

Bhala irivyu ngetakshophu yasesikolweni sakho.

[20]**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-37 kweli candelo.

UMBUZO 3**3.1 IKHADI LESIMEMO**

Kokwenu uza kwenzelwa ibhrayi yokuvuyisana nawe ngomhla wesikhumbuzo sokuzalwa kwakho.

Bhala isimemo umeme umhlobo wakho.

[20]**3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP**

Ulibele impahla yokunxiba ngesifundo sokuzilolonga (*Phys. Ed.*) kokwenu.


Bhalela umama okanye utata wakho umyalezo ka-*WhatsApp* umcele ukuba akuzisele zona esikolweni phambi kokuba siqale isifundo sokuzilolonga.

[20]**3.3 IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho indlela esuka e**MOUNT CROIX** eya e**Primary Health Clinic**. Landela iintolo (*arrows*) ezisemephini.

[20]

QAPHELA: IMEPHU EHAMBA NOMBUZO 3.3 IKWIPHEPHA ELILANDELAYO.



AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80